Tshiamiso TRUST

Inkcazelo yokuBalwa kweNtlawulo

Ngezantsi uza kufumana iinkcukacha ngendlela intlawulo zeTshiamiso Trust ezibalwa ngayo yiKomiti yeZatifiketi yeTrust, ngokusekelwe kwiTshiamiso Trust Deed.

Intlawulo yeTshiamiso Trust isebenza kwaba:

- Abasebenzi basemayini bangoku nabangaphambili abebesenza umsebenzi obeka emngciphekweni kwiimayini zegolide ezifanalekayo phakathi komhla we-12 March 1965 nowe-10 December 2019.
- KWAYE baye baxilongwa bafunyaniswa benesifo esifanelekayo: isilicosis, i-TB yentliziyo nemiphunga okanye i-TB yemiphunga.

- Kwimeko yebango le-TB, uxilongo kumele lube lwenziwe ngexesha bekusenziwa umsebenzi obeka emngciphekweni kwezi mayini zegolide zifanelekayo okanye kungadlulanga unyaka emva kokuyishiya imayini okanye kokuyeka umsebenzi obeka emngciphekweni.
- Ukuba umsebenzi wasemayini ubhubhile, intlawulo iya kuya kwabo baxhomekeke kuye.

Iimayini zegolide ezifanelekayo zezo zeenkampani eziyinxalenye yeSivumelwano seNtlawulo, beziphethwe, zilawulwa okanye zisetyenziswa zizo, ngamaxesha achaziweyo.

Ezi nkampani zintandathu nguAfrican Rainbow Minerals, uAnglo American South Africa, uAngloGold Ashanti, uGold Fields, uHarmony Gold, noSibanye-Stillwater.

Landela le linki ukuze ufikelele kuluhlu oluphele leyo lweemayini zegolide ezifanelekayo namaxesha afanelekayo: https://www.tshiamisotrust.com/mines/

Intlawulo Epheleleyo:

Imali yentlawulo iza kohluka ngokuxhomekeke kwisifo kunye nohlelo agunyaziselwe lona umsebenzi wasemayini yiTshiamiso Trust.

Uhlelo lwentlawulo luxhomekeke kwimeko yempilo yomsebenzi wasemayini kunye nokuba ingaba ibango lenzelwa umsebenzi wasemayini osaphilayo okanye obhubhileyo.

Intlawulo Epheleleyo yeyona ntlawulo inkulu inokwenziwa ngohlelo ngalunye lwentlawulo.

Kukho amahlelo entlawulo ali-shumi anezixa-mali ezahlukileyo zentlawulo epheleleyo ukusuka kwi-R10 698.60 ukuya kwi-R534 930.14. Olu luhlu lufumaneka kwi-website yeTshiamiso Trust:
https://www.tshiamisotrust.com/information/compensation-options/

Olu xwebhu luyafumaneka ngeelwimi ezahlukileyo xa kucelwa.

UkuNcitshiswa kwentlawulo Okunokwenzeka

Imali yembuyekezo yentlawulo Epheleleyo (eyona mali inkulu ngehlelo ngalinye lentlawulo) **inokuncitshiswa** ngokwemimiselo yeTshiamiso Trust Deed ngobungqina obuxhasayo, kusetyenziswa le mimiselo ilandelayo:

UkuLungiswa kusenzelwa ukunyuka kwe-CPI: Okubalulekileyo omakuphawulwe

Ukusukela ngomhla we-1 February 2023, iZixa-mali zentlawulo Ezipheleleyo ziya kulungiswa qho ngonyaka ukwenzela ukunyuka kwamaxabiso okuhambelana neConsumer Price Index (i-CPI), njengoko kupapashwe yiStatistics South Africa, ukuqinisekisa ukuba iZixa-mali zentlawulo epheleleyo ayityiwa kukunyuka kwamaxabiso kwaye ke zigcina ixabiso lazo ngokwasemalini.

1 Izilungiso kwi ntlawulo xa kwenziwe umsebenzi obeka emngciphekweni ngaphandle kweemayini zegolide ezifanelekayo okanye amaxesha afanelekayo.

Oku kulandelayo kubonisa iimeko ezahlukileyo zomsebenzi obeka emngciphekweni owenziwa ngabasebenzi basemayini ezinokwenza imali yembuyekezo iphungulwe:

A

Umsebenzi Obeka eMngciphekweni kwiiMayini Ezifanelekayo ngaphandle kwaMaxesha Afanelekayo

UMZEKELO:

Ukuba umsebenzi wasemayini wenze umsebenzi obeka emngciphekweni kwiimayini zegolide ezifanelekayo kangangeminyaka eyi-10, kodwa iminyaka eyi-3 yalo msebenzi ubeka emngciphekweni yenziwe ngaphambi komhla we-12 March 1965 okanye ngaphandle kwala maxesha afanelekayo, iSixa-mali sentlawulo Epheleleyo siya kuthi ke ngoko siphungulwe ngeli qhezu lomsebenzi obeka emngciphekweni owela ngaphandle kwala maxesha afanelekayo.

(kulo mzekelo: 3/10 = 30%)

NgeSilicosis yoDidi loku-qala, enemali yembuyekezo efikelela kwi-R74 890.22, lo menzi webango unokufumana i-R52 423.15.

B

Umsebenzi Obeka eMngciphekweni kwiiMayini zeGolide Ezingafanelekiyo

UMZEKELO:

Ukuba umsebenzi wasemayini ebesenza umsebenzi obeka emngciphekweni kwicandelo loshishino lokombiwa kwegolide kangangeminyaka eyi-20, kodwa iminyaka eyi-8 yalo msebenzi ubeka emngciphekweni yayenziwe kwiimayini ezingafanelekiyo zezinye iinkampani (ezingeyiyo nayiphi kwezi nkampani zintandathu ziyinxalenye yeSivumelwano seNtlawulo), ngoko eyona mali inkulu yentlawulo (intlawulo Epheleleyo) iya kuncitshiswa ngelo qhezu.

(kulo mzekelo: 8/20 = 40%)

NgeSilicosis yoDidi lwesi-bini, enemali yembuyekezo efikelela kwi-R160 479.04, lo menzi webango unokufumana i-R96 287.42.

C

Umsebenzi Obeka eMngciphekweni kwezinye iiMayini Ezingafanelekiyo

UMZEKELO:

Ukuba umsebenzi wasemayini, lo kwenziwa ngaye ibango le-TB, wenza umsebenzi obeka emngciphekweni kwimayini yegolide efanelekayo kangangeminyaka emine, waza wasebenza eminye iminyaka eyi-12, umzekelo, kwiimayini zamalahle neplatinam (nokuba ibizezenkampani eyinxalenye yeSivumelwano seNtlawulo okanye kungenjalo), intlawulo Epheleleyo iya kuthi ke ngoko iphungulwe ngeli qhezu.

(kulo mzekelo: 12/16 = 75%)

NgeSifo sePhepha seQondo lokuQala, esinemali yembuyekezo efikelela kwi-R53 493.01, lo menzi webango unokufumana i-R13 373.25.

Olu xwebhu luyafumaneka ngeelwimi ezahlukileyo xa kucelwa.

UMgaqo weMinyaka engama-30

Ukuba umsebenzi wasemayini wenza umsebenzi obeka emngciphekweni kwiimayini ezifanalekayo ngala maxesha afanelekayo kangangeminyaka engaphezu kwengama-30, ayisayi kuphungulwa imali yentlawulo ngenxa yomsebenzi obeka emngciphekweni owenziweyo kwiimayini zegolide ezingafanelekiyo, kwiimayini ezingafanelekiyo ezingezizo ezegolide, okanye ngamaxesha angafanelekiyo.

2

Umsebenzi Obeka eMngciphekweni owenziwe emva koMhla woXilongo xa ugunyaziswe ngokusekelwe kwiSatifiketi se-ODMWA Esivunyiweyo

Ukuba umenzi webango uyagunyaziswa ngokusekelwe kwisatifiketi seOccupational Diseases in Mines and Works Act (ODMWA) okanye isatifiketi seSifo sePhepha, umsebenzi obeka emngciphekweni owenziweyo emva komhla woxilongo oprintwe kwisatifiketi awusayi kuhoywa xa kubalwa iSixa-mali seentlawulo zaseMva kokuTsalelwa. Ngoko ke, intlawulo ayisayi kuphungulwa ukuba nawuphi na umsebenzi obeka emngciphekweni wenziwa emva komhla woxilongo kwiiMayini Ezifanelekayo ngaphandle kwala Maxesha Afanelekayo kunye/okanye kwiiMayini Ezingafanelekiyo ezibandakanyeka kukombiwa kwegolide.

3

Umohluko weSilungiso sentlawulo Esinyusiweyo (Differential of Increased Benefit – i-DIB) (linguqu kwintlawulo ze-MBOD)

Ukuba ukunyuswa kwembuyekezo enikezwe yiMedical Bureau for Occupational Diseases (i-MBOD) kuba ngaphezulu kokunyuswa kwembuyekezo enikezwe yiTshiamiso Trust, kuya kuthi ke ngoko kutsalwe lo mahluko kwimali yembuyekezo.

INTLAWULO YASEMVA KOKUTSALELWA

ISixa-mali sentlawulo sasemva kokuTsalelwa sibalwa njengeSixa-mali sentlawulo epheleleyo zidityaniswe notshintsho kwintlawulo (xa kufanelekile) kuze kutsalwe izilungiso zenzuzo (ukuba kufanelekile).

INTLAWULO EZIPHELELEYO + UTSHINTSHO LWENTLAWULO
umz. R74 890.22

-

IZILUNGISO ZENTLAWULO
umz. R22 467.07
(i-30% ye-R74 890.22)

=

INTLAWULO YASEMVA KOKUTSALELWA
umz. R52 423.15

UKUTSALWA KWERHAFU YENGENISO

I-Tshiamiso Trust kusenokufuneka itsale irhafu yengeniso kwesi Sixa-mali sentlawulo yasemva kokuTsalelwa. Oku kuye kwenzeke ukuba umenzi webango wayephelelwe ngumsebenzi ngaphambili ngokusekelwe kukukhubazeka okubuyekezwayo yiTshiamiso Trust.

Ukuba ukutsalwa kwerhafu yengeniso kufanelekile kwelo bango, iSebe leZemali leTshiamiso Trust kufuneka lihlawule la mali itsaliweyo kwiSouth African Revenue Service (u-SARS) egameni lomenzi webango.

Umenzi webango uya kufumana isaziso ukuba kukho utsalo lwerhafu olufanelekileyo kwibango lakhe.

UKUHLAWULWA KWEMALI YEMBUYEKEZO

ISixa-mali seNtlawulo eza kufunyanwa ngumsebenzi wasemayini silingana neSixa-mali yentlawulo yasemva kokuTsalelwa KUTHATYATHWE imali etsalwayo yerhafu yengeniso (ukuba kufanelekile).

INTLAWULO ZASEMVA KOKUTSALELWA
umz. R52 423.15

-

UKUTSALWA KWERHAFU YENGENISO
umz. R3 035.60

=

INTLAWULO YEMBUYEKEZO
umz. R49 387.55